



# Wes-Kaapse Provinsiale Parlement Western Cape Provincial Parliament IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

## ULONYULO

# UXWEBHU LWEMIBA 22

UHLAZIYO 1, 9 EPRELI 2019

### Iyintoni indima yolonyulo kwidemokhrasi yomgaqo-siseko?

- UMGaqo-siseko woMzantsi Afrika ubonelela ngolonyulo lwarhoqo, olukhululekileyo nolungenamakhwiniba ukuxhobisa abemi ukuba basebenzise ilungelo lokuvota nokuchonga iqela lezopolitiko okanye abameli boluntu ababakhethayo.
- UMGaqo-siseko woMzantsi Afrika ubonelela ngenkqubo yamaqela amaninzi apho amaqela ezopolitiko ahlukeneyo enelungelo lokukhuphisana kulonyulo lwethuba lokuba liqela elilawulayo okanye urhulumente okanye lilawule njengexalenye karhulumente wentsebenziswano.
- Ulonyulo jikelele ke ngoko linikezela abavoti ngegunya lokugqiba ukuba leliph na iqela leopolitiko eliza kulawula ilizwe kwinqanaba likazwelonke lelephondo nokuba ngawaphi na amaqela ezopolitiko aza kuphiksa iqela elilawulayo.

### Ingaba inkqubo yolonyulo yaseMzantsi Afrika isebenza njani?

- UMGaqo-siseko woMzantsi Afrika unikezela ummi ngamnye ongaphezu kobudala obuli-18 ngelungelo lokuvota.
- Ulonyulo lukazwelonke nolwephondo loMzantsi Afrika lwenzeka rhoqo emva kweminyaka emihlanu.
- Inkqubo yolonyulo yoMzantsi Afrika isekelezelwe kwinkqubo yokuvota yenani labo bamelweyo: inani lezihlalo kwiPalamente kazwelonke kunye nakwizindlu zowiso-mthetho yephondo linikezelwa ngokwenani labo bamelweyo kwinqanaba leevoti iqela lezopolitiko elizifumanayo kulonyulo.
- Abavoti bafaka ivoti enye yeqela abalikhethayo kwinqanaba liakazwelonke kunye nevoti enye yeqela abalikhethayo kwinqanaba lephondo.

### Ingaba amaqela aluchonga njani uluhlu lwawo lwabagqatswa bolonyulo?

- Phambi kolonyulo, iqela ngalinye lezopolitiko lingenisa uluhlu lwabagqatswa kwiKhomishoni yoLonyulo yoMzantsi Afrika (IEC). Ezi zintlu ziya 'valwa' kwaye azinakuguqulwa ngabavoti.
- Izintlu zabagqatswa bamaqela ezopolitiko ziyayilwa kwaye zihlelwa ngokukhetha kwangaphakathi kwamaqela neendlela zoxhongo. Sisenzo esiqhelekileyo kumaqela ukuba ahlele abagqatswa bomongameli nobunkulumbuso bawo kuqala kwizintlu zikazwelonke nezephondo.
- INkqubo yoTyumbo lwaBagqatswa (CNS) isetyenziselwa ukuququzelela inkqubo yotyumbo lwabagqatswa.
- Ekupheleni kwenkqubo yolonyulo, ezi (zihleliwe) zintlu zisetyenziselwa ukuzalisa izihlalo ezinikezelwe kwinqanaba ngalinye.

### Ithini indima yeKhomishoni yoLonyulo yoMzantsi Afrika (IEC)?

- I-IEC liziko leSahluko 9 eligunyaziswe ukongamela nokuphehlelela ulonyulo lwamaqumrhu ezowiso-mthetho namaziko kwinqanaba likazwelonke, elephondo nelikamasipala.
- I-IEC inamaxanduva aphambili amane:
  - Ukulawula ulonyulo lwamaqumrhu owiso-mthetho kazwelonke, awephondo nakamasipala;

- Ukuqinisekisa ukuba ulonyulo lukhululekile kwaye alunamakhwiniba;
- Ukubhengeza iziphumo zolonyulo; kunye
- Nokuqulunqa nokucina umqulu wabavoti.

## **Ndivota njani?**

- Yiya kwisikhululo sokuvota apho ubhalise khona ngomhla wolonyulo. Isikhululo ngasinye sokuvota sineempawu ezinkulu, ezicacileyo ngaphandle zisiphawula njengesikhululo sokuvota kwaye isikhululo sisoloko sivulwa ngeyesi-07:00 ukuya kweye-21:00.
- Igosa elivotisayo liza kuqinisekisa i-ID yakho kwaye lihlole ukuba igama lakho liyavela na kuluhlu lwabavoti.
- Igosa elivotisayo liza kuphawula uziphondo lukabhontsi wakho wasekhohlo nge-inki, lifake isitampu kwisazisi sakho kwaye likubonelele ngamaphepha ebhalothi amabini: elinye lolonyulo lukazwelonke ize elinye libe lelolonyulo lwephondo. Qinisekisa ubunyani bephepha ebhalothi ngokuqinisekisa ukuba kukho isitampu se-IEC kwicala elingasemva.
- Yiya kwindlwana encinane apho uza kuvota khona ngokuphawula iphepha ebhalothi ngalinye ngo X ecaleni leqela lezopolitiko olikhethayo.
- Emva kokwenza uphawu lwakho, faka amaphepha akho ebhalothi omabini kwiibhokisi zebhalothi eziphawulwe kakuhle.
- Ukuba ukhubazekile ngokomzimba okanye akuboni kakuhle, cela elinye lamagosa ukuba likuncede.
- I-IEC ikwavumela 'iivoti ezizodwa' ukuba akukwazi ukuvota kwisikhululo sokuvota ngomhla wolonyulo. Ivoti eyodwa ikuvumela ukuba uvote ngomhla omiselweyo ongaphambili komhla wolonyulo. Ungenza isicelo sevoti eyodwa ukuba ukhubazekile ngokwamalungu omzimba, ukhulelwe okanye akukwazi ukuvota kwisikhululo obhalise kuso ngomhla wolonyulo.

## **Kwenzeka ntoni emva kokuba ndivotile?**

- Iibhokisi zebhalothi, kuquka iibhokisiki zebhalothi zeevoti ezizodwa, zivulwa kukho abathunywa bamaqela ezopolitiko. Amaphepha ebhalothi aqinisekiswa ukuqinisekisa ukuba iphepha ebhalothi ngalinye liqulathe isitampu sokuvota esisesikweni se-IEC. Amaphepha ebhalothi athi emva koko asotwe ngokweevoti kwiqela lezopolitiko ngalinye elikhuphisene kulonyulo kwaye emva koko abalwe.
- Kulandela ukubalwa, iziphumo ziyafakwa kwaye ziphicothwe ngabaphicothi bangaphandle.
- I-IEC ibhengeza iziphumo zolonyulo phakathi kwiintsuku ezisixhenxe kwaye mayikhuphe ingxelo ebhengeza ukuba ulonyulo beluthembekile, lukhululekile kwaye lungenamakhwiniba. Le ngxelo isekelezelwe kuqatshelo olwenziweyo yaza nengxelo yanikezelwa ngamaqela aqinisekisiweyo angabaqapheli bamazwe ngamazwe nabommandla aphonononga ulonyulo.
- Usihlalo we-IEC, ngobukho bukaMongameli welizwe nabanye ababandakanyekayo abangundoqo, abhengeze iziphumo zokugqibela zolonyulo kwisizwe kusasazo lwamajelo eendaba olujongwe ngabo bonke. Olu sasazo lwamajelo eendaba lubanjwa kwiZiko elisesikweni leMisebenzi yeZiphumo zikaZwelonke ekuqheleke ukuba lizinze ePitoli.
- I-IEC ikwafuneka ngokomthetho ipapashe ingxelo esesikweni emva kolonyulo ngalunye, efumaneka kwi-webhsaythi ye-IEC ([www.elections.org.za](http://www.elections.org.za)).
- IKhomishoni yeZolonyulo ibala inani lezihlalo zikazwelonke nezephondo iqela ngalinye eliziphumeleleyo kusetyenziswa inkqubo yokuvota yenani labo bamelweyo.